

Yifake emgqomeni. Musa ukuyifaka kwidreyini.



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Making progress possible. Together.

Lahla inkunkuma yakho ngendlela efanelekileyo ukuze ingabhloki amagumbi angasese, iidreyini, iisinki okanye imibhobho yogutyulo



Ukutya okungafunwayo kuhlala emgqomeni, akufakwa esinkini, edreyinini okanye kwigumbi langasese. Inkunkuma yeziqhamo nemifuno kunye namaqokobhe amaqanda ingasetyenziswa ukwenza umgquba.



Musa ukugungxula amalaphu namaphepha-ndaba. Ezi zinto azikrazuki.




Faka emgqomeni amaxolo okanye wenze umgquba ngawo. Amaxolo awaboli kwamsinya, ayabambeka kwimibhobho, abangele ukubhloka.



Musa ukugungxula amanapkeni, kunye neetawuli zokuzicoca, zifunxa amanzi kwaye zikhukhumale, zibangele ukubhloka.




Sula amafutha okupheka, i-oyile okanye nawaphi na amafutha kwipani kwaye ungawagaleli kwidreyini okanye kwigumbi langasese.



Amalaphu okosula (iwayiphi), imicinga yokugqogqa indlebe, iikhondom neenwele zizinto ezincinci kodwa zidibana kunye nezinye izinto zize zibangele ukubhloka.



Faka isihluzi esinkini ukuze ukhongezele ukutya nenkunkuma engenye phambi kokuba ingene kwidreyini kwaye ibangele ukubhloka.



Khangela ukuba ingaba iigatara zamanzi emvula azigaleli kwidreyini na nanjengoko zigcwalisa imibhobho, kwaye oko kubangele ukuphuphuma kwayo.

Ukuba xa upheka usebenzisa ibhotolo okanye amafutha ezilwanyana, la manzi anamafutha ashiyeka embizeni okanye kwipani ayoma xa buphela ubushushu. Xa ugalela amafutha edreyinini okanye kwigumbi langasese, iyawaqokelela kwaye aqine ngaphakathi kwimibhobho yeedreyini, nto leyo ebangela ukuba zonke izinto ezidlulayo zincamathele kuwo. Oku kubangela ukuba imibhobho ibhloke xa kuhamba ixesha. Musa ukugalela amafutha nee-oyile kwiidreyini.

Ukulahla inkunkuma kwimibhobho engenzelwanga ukufakwa izinto ezimdaka kubangela ukubhloka kweedreyini nokuphuphumala kwazo

Oku kusichaphazela sonke:

Iidreyini ezingenaziciko zisetyenziswa njengeendawo zokulahla inkunkuma kwaye ziqokelela isanti kunye nenkunkuma ephaphathekiswa ngumoya, kuze oko kubangele ukubhloka kweedreyini.

Ubumdaka obuphuma kwidreyini ephuphumalayo bungena kwiidreyini zamanzi esiphango kwaye bungcolise imilambo yethu, imifula kunye nemijelo yamanzi.

Amanzi amdaka ayingozi empilweni yethu nakwindalo yokusingqongileyo.



Iidreyini eziphuphumalayo zizisa izifo kwaye zingcolise umoya ngevumba elinganyamezelekiyo.

Ukulungisa iidreyini ezibhlokileyo kuziindleko ezinokuthintelwa okanye zicintshiswe.

Amanzi emvula aphuma kwiigatara/kuphahla wabhekise kwidreyini yamanzi esiphango.

Musa ukuwabhekisa amanzi emvula kwidreyini yamanzi esiphango kuba oko kungabangela ukuphuphumala ingakumbi ngexesha leemvula ezinkulu. Ukuba awufuni manzi amaninzi kwiyadi yakho, ungenza umjelo okanye ufakele umbhobho oya esitalatweni uye kungena kwidreyini yamanzi esiphango.

Kuvumeleke amanzi emvula kuphela kwiidreyini yamanzi esiphango, hayi amanzi akho asele esetyenzisiwe okanye amanzi amdaka (abantu abaninzi bayawagcina amanzi emvula ukuze bawasebenzisele izinto ezifana nokucoca izithuthi, iifestile kunye nemigangatho, nasegadini njalo njalo).



Ngengcaciso engenye:

Ndwendwela icandelo loLawulo lweNkunkuma kwiwebhusayithi yeSixeko ku- www.capetown.gov.za/blocked-sewers ukuze ufumane ulwazi malunga neziza nenkunkuma.

Iinkcukacha zoqhakamshelwano ezibalulekileyo

Xela ukubhloka kweedreyini, iziciko zedreyini ezilahlekileyo, ukonakalisa, ukugqabhuka kwemibhobho kunye namanzi amdaka ngokuthi usebenzise enye yezi ndlela zilandelayo. Nika idilesi yesitalato, kwaye ufumane inombolo yeriferensi.

Inombolo yerefirensi

Nge-intanethi: www.capetown.gov.za/servicerequests

I-imeyile: water@capetown.gov.za

SMS 31373 (ubuninzi ibe ziikharetha eziyi-160)

Tsalela ku-0860 103 089

Ndwendwela kwiziko loncedo leSixeko, jonga ku-www.capetown.gov.za/facilities

Tsalela ku- 0860 103 089

uxele imibandela engokuphuphumala kweedreyini, iindlela kunye namanzi esiphango, ukulahla kwenkunkuma ngokungekho mthethweni kunye nokususwa kwezilwanyana ezifileyo (kwimihlaba nakwindlela zoluntu kuphela) Khetha u-1.

